… Akuze kube *LULA UKUTHI NDLELANTLE*

Ngumzuzu okrakra-mandi….sithi makahambe kakuhle ugxa wethu uGlenda Saunders othatha umhlalaphantsi phambi kwexesha elungiselela ukuba ajonge umama wakhe – oku kusemva kokuba esanda kuswelekelwa nguyise.

UGlenda waqala ukusebenza kwamasipala ngowa-ma-2002 ukuqala kwakhe njengomamkeli-zindwendwe / umxhaxhazi kaPetronella Ferreira, umcedisi-mlawuli wmmadla waseStanford.

NgoJanyuwari 2006, wangena kwisikhundla sokuba ngumncedisi kaRoderick Williams, uMlawuli weeNkonzo zoLuntu walapho lonke elinye ixesha eyi- "part of the furniture".

"Ngokusebenza kule ndawo ndifunde into eninzi njengoko ibandakanya umhlaba omkhulu kamasipala," utshilo uGlenda.

Ubungqina begalelo elikhulu likaGlenda kweli sebe nentlonipho ayifumeneyo bukwintetho kaRoderick xa esithi, "Ndisoloko ndimxabisile uGlenda ngenxa yokuba ebathanda abantu, ngendlela enovelwano kodwa inembeko koogxa bakhe noluntu ngokubanzi. Oku ukubonakalisa xa abantu bebuza izinto abazibuzayo nemingeni ejoliswe kwiofisi yam.

KuGlenda ukwenza izinto ezingaphaya kwesicelo ibiyinxalenye yokunikezela ngeenkonzo ngendlela egqibeleleyo. Andizange ndimve nakanye ekhalazela ukuba mninzi komsebenzi wakhe. Endaweni yoko ubehlala nasemva komsebenzi eqinisekisa ukuba umsebenzi awunikiweyo uyawugqiba."

Phambi kowama-2000, uGlenda wayesebenza kwaMasipala eMilnerton njengomabhalana wokusebenza kukamasipala. Apho usebenze iminyaka eli-18. Kuloko wathatha isigqibo sokuya kusebenza eDe Kelders ukwenzela ukuba intombi yakhe, uJamie, ifunde emaphandleni. UJamie ke wagqiba ukufunda eOverberg High.

Xa sijonga emva sijonga le minyaka ili-15 kaGlenda yokusebenza eOverstrand Municipality kukho abaninzi abebenomdla wokubalisa ngaye ngamaxesha awodwa besebenza naye.

Khumbula nje ezo pilisi zakhe ebezihlala ebhegini yakhe xa ejika intloko kuba elibele ukuginya iipilisi zehayi-hayi!

Kwakho uPetronella ukhumbula obunye ubusuku ixhaphetshu elalikwiholo loluntu kusonyulwa iikomiti zeewadi xa kwagqabhuka udushe. "UGlenda wazola wafonela amapolisa – sakhuselwa ngamapolisa ukuphuma apho!"

U-Anver (Wyngaard) obesebenza naye iminyaka engaphezu kweshumi uthethe njengabanye wathi, "Ndifuna nje ukukubulela ngenxaxheba yakho kubomi bam. Ungumntu ongummangaliso ofana yedwa. Ndiza kukukhumbula nangona ubukwipaseji enye ukusuka kweyam; kodwa ayisosizathu eso sokuba ungasindwendweli. Hamba kakuhle, mhlobo wam."

Glenda Saunders

UGlenda ubelixhadi leeNkonzo zoLuntu kule minyaka ili-15 edlulileyo kwaye uza kukhunjulwa kakhulu!

INDAWO APHO AMAPHUPHA *nezinokwenzeka* zikunye kakuhle

Qaphela: Ngokubaliselwa (Grant Cohen – Uceba waseKleinmond ka-Ward 9) ngugxa wam esingabaseki kunye, uCharmaine Resandt weOverstrand Titans Softball Club, eli nqaku elisekelwe kulo.

"I-Overstrand – indawo yezinto ezinokwenzeka, intsimi yamaphupha ifuku leentshatsheli – indawo uninzi lwethu elingayibiza ngebhongo sithi **LIKHAYA** - indawo endithe ekugqibeleni ndafuman 'isiciko sembiza yam' yamabhongo obomi".

Ndisoloko ndiqinisekile ngokuba ungazenzela Ikamva lomsebenzi ngento esentliziyweni yakho. Oko ukuhombise ngakumbi ngekhondo elongeza kwelo olithanda ngokulinganayo nelo lisenyongweni elingazezemidlalo okanye enye into oyithandayo – ukonwabele oko! Ukucacisa, ndikuthanda kakhulu ukubhala ndongeze ngokuwonwabela kakhulu umdlalo i-softball.

Umsebenzi wam endikuwo ngoku wokuba ligosa lezonxibelelwano eOverstrand kuthetha lukhulu ngale nto ikhankanywe ngaphambili; nto leyo eyongeza ekuqondeni amandla ento ebhaliweyo. Kodwa mandingaphindi ndikukruqule ngale le nto ngelinye ixesha.

Njengomkhuthazi wobumbano loluntu, ezemidlalo zinenxaxheba enkulu kuluntu.

Malunga noku isikhalazo kuGrant ngokungabikho komdlalo isoftball eOverstrand okusisithukuthezi kuzale injongo emangalisayo eyamkelwe ngumntu wonke - **CUKUDIBANISA IINDIDI ZOLWAZI NOKUBA NAKHO UKWENZELA UKUFUMANA IQONGA ELINENTSINGISELO KULUTSHA.**

Ikakhulu injongo ibikukuvuselela ithemba, ukuba kungenzeka, ukuba nexabiso nenjongo kumlisela nomthinjana okulindelweyo phakathi kwethu.

Ngaphaya koko umnqweno onyanisekileyo wokwenza umahluko kuluntu nguwo oqhuba lo mdla.

Eyokuqala eyakha yakho eseKleinmond yiOverstrand Titans Softball Club yasekwa ngokusesikweni ngomhla wo-1 Disemba 2016. Okuqaphelekayo emva nje kwenyanga le klabhu ngokwamalungu ikhule ngendlela emangalisayo – ukusuka kwisixhenxe ekuqaleni ukuya kancinci nje kuma-50 ngoku!

Ukongeza mibini imicimbi ye-softball esele ibanjiwe njengenxalenye yokwaziswa kwale klabhu. Itumente kwi-Slow-Pitch yayingomhla we-16 Disemba yalandelwa ngumsitho i-Step-up-to-the-Plate owawungomhla we-7 Janyuwari.

Kuyo yomibini le misitho oosomashishini baseOverstrand bangenelele ngendlela engummangaliso. Inkxasomali yesisa nemikhonto ithunyelwe ngamaziko aliqela nenkxaso yemibutho yezemidlalo eyahlukeneyo yaseKapa neyaseOverberg; konke oku kwenza ukuba iklabhu ibonise imizamo yayo kangangoko.

Okumangalisa kakhulu kukuba eli phulo ekusungulweni kwalo belijoliswe kulutsha kodwa ngoku abazali nabanye abanomdla bangenelele nabo.

Intsusa kukubonisa ngalo mzekelo wetho siqale iiklabhu ezifana nale nakwezinye iidolophu zaseOverstrand. Injongo yexesha elizayo kukuseka i-Overstrand Softball League eziza kuba phantsi kwayo zonke ezi klabhu.

Ngaphezulu kufuneka sifumane umxhasi ngemali oza kuba ngoyena uphambili ukuqinisekisa ukuba ezi klabhu sijonge ukuziseka zikwazi ukuqhuba zisebenza kakuhle.

Enye injongo kukuqala i-business league apho esinethemba lokuba umasipala anganenxaxheba eqaqambileyo kolo khuphiswano.

Ngako oko, jonga le ndawo...inganguwe ngenye imini usilwela isithuba kumagqala e-softball. Awulazi ingomso!"

Malunga nengcaciso eyongezelelweyo malunga nokuba lilungu **leOverstrand Titans Softball Club**, okanye ufuna ingcaciso jikelele ngezemidlalo, Nceda ufonele uCharmaine Resandt kwifoni u-079 885 5022 okanye ungamthumela i-imeyile cresandt@gmail.com

KwiPhambili siyalamkela igalelo lakho kwaye silindele ngolangazelelo nawaphi na amanqaku anomdla uwathumele kwi-imeyile: cresandt@overstrand.gov.za or e-mail rsteenekamp@overstrand.gov.za. Okanye ungafonela abahleli kule nombolo: 028-313-5025.

Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili!

Vorentoe/Forward

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality OVERSTRAND

INQAKU LOMHLELI

"Sinekhaya, Siyakhathala, Siyanceda"

Inyanga uFebruwari yamkelwe jikelele njenge"Nyanga yothando" ngako kufanelekile ukuba sisebenzise eli xesha ukujonga kwakhona IINQOBO ZOKUPHILA zeOverstrand nokuba sikhokelwa kangakanani ziindlela zayo zokuziphatha eziyintsika.

Ezi mbono zikwayinxalenye edibanisa uninzi lwamabali akolu shicilelo kwaye zifakwe ngendlela enobuchule kuwo. Iqqiza labahleli liyabulela kakhulu ngegalelo labalesi balo – isicelo senu sokuba ke kho abasebenzi abongezelelekileyo, umzekelo, kubangele ukongezeleleka kweziqulatho malunga noku kwiphepha le-3.

Kananjalo sigqibe ekubeni siyeke ukupapasha ngekota koko sipaapshe ngenyanga. Ngako oko ukususela ngoMeyi 2017 lindela ukufumana ulindixesha wakho ngomhla wokuqala wenyanga nganye!

uCharmaine Resandt
Umhleli

I-Overstrand ithi ngxatsho ke Kwabo basebenzi bangabazali babantwana abaphumelele imatrikhi kulo nyaka uphelileyo.

KUBAFUNDI BOWAMA-2016 - Ngxatsho ke ngale mpumelelo ingaka. Abazali benu, abaxhasi benu, ootitshala, izikolo zenu neOverstrand bazingca kakhulu ngani!

BANGA ABOWAMA-2017 Bangenza ngaphezulu kakhulu kunoku nonyaka abajongene nawo ibe ngunyaka weempumelelo.

Umyalezo
ovela kuSodolophu noMphathi kamasipala

Executive Mayor Ald Rudolph Smith

Namkelekile nonke ngabanye ngabanye!

Sibulela kakhulu kubo bonke abathe bancedisa ekubeni iinkonzo ziqhube ngeli xesha lokuphela konyaka ngeli xa uninzi lwethu beluthathe ikhefu lokuphumla.

Siwubulela kakhulu umsebenzi eniwenzileyo ngamanye amaxesha niwenza phantsi kweemeko ezinzima kwaye ndinqwenela ukuba unyaka wama-2017 ube ngunyaka wenkonzo nowonikezelo zinkonzo eziphucukileyo.

Kulo nyaka ndifuna sijolise ekolweni yenkonzo siqinisekise ukuba iinqobo zikaMasipala wethu aziveliswa nje apha ngaphandle kodwa ziyabonakala nangaphakathi kwimibutho yethu.

Wanga unyaka wama-2017 ingangunyaka wokuchuma noxolo; akwaba sonke singabubhaqa obona butyebi ngokupha.

Masizinikezele ngobubele iinkonzo.

Coenie Groenewald

"LO NGUNYAKA WEGOSA"

Sesineenyanga ezimbini kowama-2017 kwaye ngoku wonke umntu obeseholideyini umele ukuba sele ebuyile – ngako oko wamkelekile!

Kananjalo ndinqwenela ukubulela oogxa bam bonke abebengenathamsanqa lokuba baye eholideyini. Nenze umsebenzi omhle kakhulu ngexesha lemibhiyozo yokuphela konyaka ngokuyigcina le ndawo isebenza niqinisekise ukuba abahlali bethu namawaka eendwendwe babenakho ukuhlala kamnandi eOverstrand.

Ndinoluvo lokuba nangaphandle kwemingeni emikhulu ebesinayo ekunikezeleni iinkonzo ngokwamanqanaba aseOverstrand sibe nexesha elibe lihle kakhulu – enkosi kakhulu kuni nonke ngenkxaso yenu, ngokuzinikezela nangokusebenza kwenu ngenkuthalo!

Ngokuqinisekileyo owama-2017 uza kuba neyakhe imingeni ngokujonga ezoqoqosho zoMzantsi Afrika ezihambelana nemeko yezeemali enxulemene nazo. IKomiti eQuquzelela iBhajethi ngoku ixakeke yi-Municipal's Mid-year Review (2016/17 Adjustment Budget) nakukuqulunqa iiBhajethi zethu (eyemali neyokusebenza kukamasipala) zowama-2017/18. Xa sisenza oko siyithathela ingqalelo imeko yezoqoqosho nemeko yabahlawuli beerhafu malunga nokuba nakho kwabo ukuzihlawula iirhafu. Siluthathela ingqalelo uxanduva lwethu ngokoMgaqosiseko nangokwezokuziphatha lokunikezela iinkonzo ezizizo kuluntu lwethu.

Ingxam kukudala amathuba kwimingeni. Ngokutsho kukagqirha Orison Swett Marden (1848 - 1924): "Sukulinda amathuba angaqhelekanga. Thatha amathuba aqhelekileyo uwaguqule abe makhulu. Amadoda angomelelanga alinda amathuba; amadoda omeleleyo ayawenza."

Masingeneni kowama - *2017 SIDALE AMATHUBA!!!*

IMINYAKA MINE ILANDELELANA INGXELO YOHLOLO-ZIMALI ENGENACHAPHAZA KUMASIPALA WASEOVERSTRAND

Umasipala waseOverstrand ufumene ingxelo yohlolo-zimali engenachaphaza yonyaka-mali 2015/2016 into eqinisekisa ukuba indumasi yalo masipala njengomnye wabo bangabona bazinzileyo ngokwezezimali nabangabona balawulwa ngokukuko eNtshona Kapa.

Lo ngunyaka wesine iminyaka ilandelelana kwimbali yalo mMasipala ukuba ingxelo yohlolo-zimali ingabi na chaphaza kwezezimali nasekusebenzeni nto leyo ebonakalisa ukuba ulawulo lusebenza kakuhle.

USodolophu uRudolph Smith ubulele umsebenzi ngamnye kaMasipala ngegalelo labo lokuzinikela ekwenzeni ukuba umasipala asebenze ngokomthetho nangokusebenza beyimbumba ukwenzela ukuba inqanaba lengxelo engenachaphaza lihlale lihleli.

IINGCUNGCU KWEZOBALO-ZIMALI!!

IFOTO - Amagosa aseOverstrand nabahlohli bawo kwitheko lothweso-zidanga eMarine Hotel.

Ngasemva ukusuka ekhohlo ukuya ekunene: nguByron May, uKarin Vorster, uLawenda Jacobs, uWehlma Matschke, uHildegard Nutt nommeli kaAAT (ongachazwanga). Ngaphambili ukusuka ekhohlo ukuya ekunene: nguHannes Vorster, uJohan de Beer (ummeli ka-BL 2000), ummeli kaAAT (ongachazwanga), uVelia Bucchianeri, uSantie Keyzer, uLorion Jeftha, uAnnelize Visser, uCoenie Groenewald (UMlawuli kaMasipala) noAlta de Beer (ummeli kaBL 2000).

ULawenda Jacobs, uAnnelize Visser, uAnthea Etalla, uByron May, uHildegard Nutt, uHilmar Slabbert, uKarin Vorster, uLorion Jeftha, uSantie Keyzer, uVelia Bucchianeri noWehlma Matschke.

Eli liqela lamagosa aseOverstrand abeye kwitheko lawo lokuthweswa izidanga eMarine Hotel emva kokuphumelela izifundo zawo zeLGAC (Local Government Accounting Certificate).

Baqala ngoJuni 2015 ngenjongo enye ikukujongana neerhorho zelizwe lezomali-zimaliwe. Emva konyaka babenakho ukujonga emva bathi ngenene baphumelele ukukwenza oko.

Ngomhla we-2 Disemba 2016 abahlohli bezi zifundo, abakwaAAT (Association of Accounting Technitions) besebenzisana nabakwaBL 2000, babe nesidlo esisodwa ebesinezityo ezimnandi nolonwabo lwabafundi kubhiyozelwa impumelelo.

Ababali-zimali bavela kwiinkalo ngeenkalo zezoqoqosho kuquka nabasebenza ngokusetyenziswa kwezobalo-zimali, ezoshishino namashishini nezoshishino zabucala, kodwa izifundo zakwaLGAC zijoliswe kuphela kulawulo lwasekhaya. Umfundi ngamnye kwabaphumeleleyo ufumene isiqinisekiso esingu-NQF 3 esine-120 leekhredithi.

Igosa ngalinye silinqwenelela okuhle. I-Overstrand iyazingca ngani!

KRONOS®

Abasebenzi yeyona nto inexabiso elikhulu neneendleko ezinokulawuleka eOverstrand. Kodwa sisaxhomekeke kwiinkqubo ezisebenza ngemanyuwali okanye ngeendlela ezingaqondakaliyo ukujonga ixesha lokuba semsebenzini labasebenzi.

Singenawo umtshini ozisebenzelayo kunzima ukujonga ixesha ngokungaguqukileyo, ulawule ukuba kho komsebenzi emsebenzini.

Umatshini wokujonga ixesha nobukho (i-Kronos) waziswe kulo nyaka uphelileyo ngoMatshi kwaMasipala ngenjongo yokuba ungene endaweni yale yokusebenzisa iphepha ukubhala ixesha lokungena nelokuphuma emsebenzini.

Njengayo nayiphi na into entsha esandula kungena i-Kronos ivelise eyayo imingeni neengxaki. Nangona kunjalo ezi ngxaki zisonjululiwe neengxelo ezintle zifunyenwe kubasebenzi malunga nale ndlela.

Ngoku xa uninzi lwabasebenzi baseOverstrand benakho ukuklokha ngeekhompuyutha zabo abanye bekwazi ukusebenzisa umatshini wokuklokha umasipala ukulungele ukuba inkqubo isebenze ngokupheleleyo.

Ewe, ukususela ngomhla wo-1 Februwari akuzi kufuneka ukuba uzalise irejista eliphepha - nto leyo emele kudala imincili kubasebenzi.

Uxanduva lokugcina irejista yenyanga, olokuqinisekisa ukuba imanejala isayinile phambi kokuyingenisa nolokuyenza kwakhona xa ithe yangcoliswa yikofu ngempazamo, zonke ezo zinto zidlule ngoku.

Inkqubo ekhoyo ngoku yokulawula i-ova, neyelalela azizi kuguquka okwangoku. Kodwa nezi ziza kutshintsha ziqukwe kuKronos.

Ngako oko luyintoni uxanduva lwakho ngoku? Kukuklokha xa ungena naxa uphuma - ukwenze oku ngexesha yonke imihla.

Ukuba awuklokhanga oko kuya kuthetha ukuba awuphangelanga ngelo xesha ngako oko kuya kubhalwa ukuba awukho.

Oku kungakhokelela ekutsalweni kwemali kumvuzo wakho ngenxa yokungabikho emsebenzini - into, ungandivumela, ekungekho namnye onqwenela ukuba imehlele.

SIXELELE INTO OYAZIYO… OYAZI NGENENE NGENENE

UPDATE • UPDATE STATUS • UPDATE • UPDATE

Kufuneka abasebenzi bazise iCandelo lezabasebenzi (uHR)ngazo naziphi na izinto ezitshintshileyo kwiimeko zabo. Oku kufuneka bekwenze ngokukhawuleza ukuqinisekisa ukuba iinkcukacha ezibhalwe kwiifayile zabo zichanekile kwaye zibonakalisa naziphi na iinguqu ezenziweyo. Umzekelo,

- **UKULUNGISA IINKCUKACHA ZOMSEBENZI:**
  Nasiphi na isicelo seenkcukacha ezintsha / ezitshintshileyo eziphathelele kumtshato, uqhawulo-mtshato, ukutshintsha kwedilesi, ukutshintsha kweenkcukacha zonxibelelwano, usana, ukusweleka komyeni okanye inkosikazi okanye umntwana njl. njl.

- **UKULUNGISA IINKCFUKACHA ZE-MEDICAL AID:**
  - Abaxhomekeke kuwe kwi-Medical Aid:-
  * **Nceda unike amagama nobudala babaxhomekeke kuwe kwi-medical aid.**
  * **Qho ngonyaka (ngoMatshi) velisa ubungqina bokuba abo baxhomekeke kuwe basesesikolweni bayafunda.**

- **ISIBONELELO SENDAWO YOKUHLALA:**
  Qho ngonyaka (ngoMatshi) kufuneka abasebenzi bengenise ubungqina bokuba banetyala lokuthenga indlu elisaqhubayo (kwimeko yesibonelelo sokuthenga indlu) omabufunyanwe kwindawo leyo eboleke umsebenzi imali yokuthenga indlu. Kwimeko yesibonelelo sendawo yokuhlala umsebenzi kufuneka angenise isivumelwano sokuqesha indlu esisasebenzayo.

NCEDA UQAPHELE: Ukuba ubungqina abungeniswanga isibonelelo siza kunqunyanyiswa liBhunga.

IMINCILI & USIZI

Kutshanje uMadeleine de Villiers (unobhala kwiofisi kaSodolophu waseOverstrand) utshate noFrancois de Villiers (usombna) nto leyo eluvuyise kakhulu usapho nabahlobo abebeyinxalenye yemibhiyozo yomtshato wabo.

Ezinye iintsimbi zomtshato: Ngomhla we-15 Disemba 2016 uDean & Adéle Hepplewhite (Le Roux)bazimanya ngeqhina lomtshato. Abakunye nabo efotweni ziintombi zabo uSonique (ekhohlo) noAvanka (ngaphambili).

"Abangqondo zifanayo banxiba ngokufanayo" – utshilo uTando Wayi (ophakathi) weCandelo lokuThenga** wukufika kwakhe noogxa bakhe emsebenzini ngosuku lokuqala emva kweeholide benxibe impahla ephantse yafana! Ngokucacileyo bonke **'got the memo'!!

Apha obhiyozela umhla wokuzalwa kwakhe weminyaka engama-60 kumayeyeye ngoDisemba wonyaka ophelileyo nguSteven Drury wezeZithuthi. Abebekho ukuza kubhiyoza nogxa wabo ibinguXen Titus, uLester Smith, uRudi Fraser noYvienne Smith.

Ngokuncedisana umsebenzi uba khaphukhaphu:
Entloko kunyaka omtsha ingwamza ityelele (ngomhla we-3 Janyuwari) ikhaya lomlawuli wezokusingqongileyo uLiezl de Villiers (nee Bezuidenhout). Efotweni nguClara nomnakwabo onebhongo kakhulu uKian (7), oncedisa ekuthwaleni nasekuziqiniseni iimpahla. Sinin-qwenelela okuhle, Pierre noLiezl. Wanga loo mntu mtsha uzayo anganizisela ulonwabo ubomi benu bonke.





Utyelelo lwengwamza: Entloko kunyaka omtsha ingwamza ityelele (ngomhla we-3 Janyuwari) ikhaya lomlawuli wezokusingqongileyo uLiezl de Villiers (nee Bezuidenhout). Efotweni nguClara nomnakwabo onebhongo kakhulu uKian (7), oncedisa ekuthwaleni nasekuziqiniseni iimpahla. *Sininqwenelela okuhle, Pierre noLiezl. Wanga loo mntu mtsha uzayo anganizisela ulonwabo ubomi benu bonke.*

Ngomhla we-16 Januwari uHeloise Fortune nesithandwa sakhe uKurt balizwe ngequmqum losana uJaxon. Umbhalo okwibhibhi yakhe uwudlulisa ngokucacileyo umyalezo: *"Makhulu yiza kundilanda - abantwana bakho bayandiphambanisa!"*

'Abonyaka wama-2016' sinelunda ngabo!

UHanlie waseOverstrand kwezeZimali (Icandelo leRhafu yeNgeniso) nomyeni wakhe uFrancois Bru¬wer (iSupharinthendenti ephezulu-Distribusie) banelunda kakhulu ngentombi yambo uYolandi, ophumelele imatrikhi waphumelela emagqabini kwizifundo ezisi-7.

KwisiNgesi uLwimi oLongezelelweyo uphume kwindawo ye-8 kwiPhondo kwaye ngoku ufunda eyunivesithi eStellenbosch ufunda iB.Sc Human Life Sciences.

Kwa esemncinci uYolandi wazibekela iitekeni ebomini wasebenza nzima ukwenzela ukuba azifikeleleiinjongo zakhe. Enye yeetekeni awazibekela yona kukuba asoloko ekwabe-10 bokuqala kwizifundo zakhe nto leyo ayifikeleleyo ukususela kugreyidi 4 de wafika kwimatrikhi. Ubekwibhunga labafundi kwisikolo semfundo esezantsi nakwesemfundo ephakamileyo.

Abazali bakhe uHanlie noFrancois bathi: "UYolandi ngoku uxakekile uzibekela iitekeni ezintsha kwaye ngokokumazi wkethu uza kuzifikelela nezo."

UYolandi Bruwer - Uphumelele imatrikhi emagqabini kwizifundo ezisi- 7

IFOTO - nguYolandi Bruwer (intombi kaHanlie noFrancois Bruwer

uPeter Burger

Hamba kakuhle Peter Burger…

"Andizikukhumbula nje oogxa bam koko ndiza kukhumbula abahlobo endibenze apha."

La ngamazwi uPeter Burger, uMlawuli wokuSebenza kukaMasipala waseHermanus abulise ngawo xa esimka. UPeter waqala ukusebenza eOverstrand ngowe-1999 ngoku emva kweminyaka emalunga ne-18 lixesha lokuba angene kubomi bomhlalaphantsi.

UPeter uthi ixesha alichithe eOverstrand limfundise izinto ezininzi zobomi kodwa ukunyamezela yeyona nto iphezulu kuzo zonke kulandele ukubaluleka kokudala ubudlelwane obuhle nabanye abantu.

Kwelinye icala unqwenela ukuba ebengabafundisa abasebenzi bakhe ngokubaluleka kokusebenza ngendlela eyiyo uwazi umsebenzi wakho. "Ubomi abusityali nto kwaye akukho nto iza felefele." Utshilo.

UPeter unethemba lokuba abantu baya kumkhumbula njengendoda eyigcinayo into eyithethileyo newunyuse kakhulu umgangatho wokunikezelwa kweenkonzo. Akaqinisekanga ngokuba uza kwenza ntoni emva kweOverstrand kodwa unethemba lokuba angafumana ixesha lokuthabatha iihambo zokutyelela.

Simnqwenelela konke okuhle uPeter kwixa elizayo kananjalo simbulela ngegalelo lakhe kumbono wethu waseOverstrand wokuba ibe yindawo yoluntu egqwesileyo kwizinto zonke.

UMlawuli wokuSebenza kukaMasipala waseOverstrand eHermanus uPeter Burger uthatha umhlalaphantsi emva kweminyaka eli-18.